



# basic education

---

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**2015**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha asi-10.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

#### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

- 1.1 1.1.1 Ukuzigwagwisa ngumnqweno wokuba ube yinto engaphezulu kwale uyiyo, ukuze abantu bakuthathe njengomntu obalulekileyo.√ (1)
- 1.1.2 Bafuna ukusoloko bekwiindawo ezinamawonga.√ (1)
- 1.1.3 (a) no mark  
(b) (i)√/(i) emingcwabeni√/emingcwabeni.√ (1)
- 1.1.4 Bazixolisa ngokuzikhwebula kwabanye abantu baye kuhlala phaya phambili ngaseqongeni ukuba kuseholweni.√√ (2)
- 1.1.5 ... nangona ...√ (1)
- 1.1.6 Uyise + iziyunguma√√ (2)
- 1.1.7 ... esi siNgesindini bathanda ukusithetha naxa kungasekho negxagxa eli.√√ (2)
- 1.1.8 Ngokuthi imali efunyanwa ziititshala ziipenana nje.√ (1)
- 1.1.9 B√/B Kukuvuselela iingcinga zalo ufundayo ngokubhaliweyo√/  
Kukuvuselela iingcinga zalo ufundayo ngokubhaliweyo.√ (1)
- 1.1.10 Kukutsala nzima ezifundweni.√ (1)
- 1.1.11 Bayanyevula√/Bathi qhiwu iimpumlo√/bathi shwace ubuso xa bethetha nomntu abamjongele phantsi.√  
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.12 Wakhe waya kuvela nakwaNokholeji phofu nalapho akabuyanga nanto ibambekayo.√ (1)
- 1.1.13 ... nentombi kaLudiza.√ (1)
- 1.1.14 Kodwa ke wabhenceka ukuba akazi nto√√/Kodwa ke wavela ukuba akazi nto.√√ (2)
- 1.1.15 Ngokuthi ahlale ehleli angawalibali amazwi akhe nokuba sele evukelwe likratshi, athi akuwakhumbula amnqande.√√ (2)
- 1.1.16 Ndiyamngqinela umbhali ukuzigwagwisa akulunganga ngoba umntu uphela esoyiswa bubomi.√√

### OKANYE

Andimngqineli kuba umntu ozigwagwisayo ufumana iindawo eziphezulu nezinto ezingcono.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]. (2)

**1.2 ISICATSHULWA B**

- 1.2.1 Ngowama-2007.√ (1)
- 1.2.2 Yidizili.√ (1)
- 1.2.3 Ngunyaka ka-2008.√ (1)
- 1.2.4 Ixabisa iirandi ezine√/Ixabisa i-R4.√ (1)
- 1.2.5 Akulunganga, kuba abanini bamashishini athengisa amafutha eenqwelo balawulwa ziimeko ezingaphezu kwamandla abo.√√/Akulunganga kuba ixabiso lamafutha eenqwelo lixhomekeka ekwenyukeni kwexabiso leoyile ekrwada.√√

**OKANYE**

Kulungile, kuba abantu abasebenzisa amafutha eenqwelo bonga imali.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]. (2)  
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 29**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

#### Ukumakisha ushwankathelo

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**

- 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Mekanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

### QAPHELA

- **Ubalo-magama:**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

|    | <b>IINGONGOMA EKUCATSHULWE KUZO</b>   |    | <b>ISISHWANKATHELO</b>  |
|----|---|----|---|
| 1. | 'Abantu mabafunde ukuphikisana ngobulumko ukuze ubudlelwane babo buhlale bomelele nabo. Ubulumko buqala ekubeni kungafakwa iimvakalelo ngamandla kumba ekuphikiswana ngawo nanini.'   | 1. | Abantu mabaphikisane ngobulumko bangafaki iimvakalelo zabo ukuze bomelele ubudlelwane babo. |
| 2. | 'Musa ukumthuka oxoxa naye, nokuba unomsindo kangakanani. Ukuthuka ngexesha lempikiswano kubonisa ubukrwada nokungabi nalwazi lwaneleyo ngale nto uxoxa ngayo. Endaweni yokuthuka, cingisisa ukuba kutheni ubambelele kwezo ngcinga zomsindo ixesha elide.'                       | 2. | Makungabikho mntu uthukayo xa niphikisana oko kubonisa ubukrwada nolwazi oluncinci.         |
| 3. | 'Mamela. Ingxabano ezininzi zizalwa kukungamameli kuba ubani etshele kuloo nto ebeze eyicinga nokuba ingxoxo sele ihambele phambili, ekucaciseni into ebiyingxaki. Kaloku awunakufuna ukumanyelwa ungamameli wena.'   | 3. | Mamela nokuba kutshintshwa ingcinga yakho ukuze nawe umanyelwe.                             |
| 4. | 'Hlala uzolile. Ukunyusa ilizwi lakho akwenzi izinto zibe ngcono kwaye akuyenzi ibe yebambekayo into oyithethayo. Ukuba uyakhwaza, ungaphaya komgca wokunxibelelana ngendlela enentlonipho.'  | 4. | Thethela ezantsi ukuze ninxibelelane ngentlonipho.  |
| 5. | 'Hlala kumba enithetha ngawo. Ukuthetha ngezinto zakudala akuncedi. Ingaba iimpikiswano zenu ziphela zisiba malunga nazo zonke izinto ezingalunganga ezithe zenzeka kubomi benu? Yonke into inxesha layo. Eminye imiba kufuneka isonjululwe ngelinye ixesha hayi ngoku.'          | 5. | Thethani ngezinto zangoku niziyeke ezadlulayo, eminye imiba niyixoxe ngelinye ixesha.       |
| 6. | 'Lazini ixesha lokufuna umntu oza kungenelela. Ngamanye amaxesha akubikho sisombululo. Ngako oko ke indlela eninokuphuma ngayo kuyo kukufuna uncedo kuba ngokucacileyo anifumani sisombululo. Le nto kufuneka yenziwe ngokukhawuleza umonakalo ungekabutshabalalisi ubudlelwane.' | 6. | Xa kungekho sisombululo funani umntu oza kungenelela.                                       |

|    |   |    |   |
|----|---|----|---|
| 7. | 'Kunjalo, kulumkele ukufaka abantu abangangeni ndawo kule nto nithetha ngayo. Kaloku wakusebenzisa abanye abantu, umntu oxoxa naye uzibona ngokungathi uyapakanyelwa, ahlanganise.' | 7. | Mus' ukufaka abantu abangangeni ndawo kuba omnye uza kucinga uyapakanyelwa. |
|----|---|----|---|

[184 amagama]

[59 amagama]

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
  - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

- 3.1 Pure Sugar – Pure Sweetness.√ (1)
- 3.2 Ayitshintshi tu, oko yayinjalo√/Akwengezwanga nto, akuphungulwanga nto.√ (2)
- 3.3 Kukutsala umdla wabathengi√√/Kukubonisa ukuba abathengi abasele beyisebenzisa bonwabile√√/Ubudala baba bantu, uthando luhlala luhleli alutshintshi njengala swekile.√√ (2)
- 3.4 C owokungcamla√/C√/owokungcamla.√ (1)
- 3.5 Ngokubancumisa yonke imihla.√ (1)
- 3.6 Kwenzelwa ukuba abo bafuna ulwazi oluthe chatha/vetshe ngale mveliso bandwendwele yona.√√ (2)
- 3.7 Ukuzinga kwesenzo√/kukukhumbuza amaxesha akudala.√ (1)

**[10]**



#### UMBUZO 4

- 4.1 Ngokuba ✓ (1)
- 4.2 Kukubonisa ukuba uShoti akakagqibi ukuthetha. ✓ (1)
- 4.3 C✓/C Uyamvuyelela kakhulu uChiskop✓//Uyamvuyelela kakhulu uChiskop. ✓ (1)
- 4.4 Ulusebenzisele ukubonisa ukukruquka/ukuba nomsindo✓//Zengeziwe ukubonakalisa ukugxininisa. ✓ (1)
- 4.5 Ukukhupha amehlo✓✓/Indlela ovuleke ngayo umlomo✓✓/Imigca esebusweni bakhe, zibonisa ukuba unomsindo kakhulu. ✓ ✓ (2)
- 4.6 KwisiNgesi. ✓ (1)
- 4.7 Hayi ayamkelekanga ibonakalisa ukuba unga angathathela umthetho ezandleni zakhe. ✓✓

#### OKANYE

Ewe, yamkelekile kuba uvakalisa uvakalelo lwakhe. ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 4.8 Ngowokungakwazi ukubamba ixesha. ✓ (1)  
[10]

#### UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Sisibizo. ✓ (1)
- 5.1.2 Ukucacisa indlela ababebade ngayo✓/Sisetyenziswe sahamba no-  
‘-thi’. ✓ (1)
- 5.1.3 Leshumi. ✓ (1)
- 5.1.4 Bangamawele. ✓ (1)
- 5.1.5 Inyathi ibuzwa kwabaphambili. ✓✓ (2)
- 5.1.6 Babakhuthaza kakhulu abantwana. ✓✓ (2)
- 5.1.7 Wayesoloko esithi ebantwaneni bakhe impumelelo isentabeni,  
mabasebenze banganikezeli. ✓✓/Wayesoloko esithi kubantwana  
bakhe mabasebenze banganikezeli, impumelelo isentabeni. ✓✓ (2)
- 5.1.8 Zihle kakhulu iziphumo zabo✓✓/Iziphumo zabo zihle kakhulu. ✓✓ (2)
- 5.1.9 **Intloko** yam iyaqaqamba kukubala izibalo✓/Intloko kaNomsa  
ithambile kuba yonke into uyifunda ngokukhawuleza✓/Intloko yale  
ngxaki yingqeqesho emakhaya✓/Ndibone **intloko** kaloliwe ukuba  
selekufutshane. ✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (1)
- 5.1.10 Yafika yona abantwana balishiya ikhaya. ✓ (1)

- 5.2 5.2.1 Umama notata **batsalatsalana** ngentambo√√/abantu **batsalana** ngentambo.√√  
[Nasiphi isivakalisi esichanekileyo samkelekile] (2)
- 5.2.2 Abantu abanoxolo bayabukeka.√/Abantu abaxolisayo bayabukeka.√/Abantu abaxolelayo bayabukeka.√ (1)
- 5.2.3 B√/B lingcinga zabazali ziyabethabethana ngabahlobo √/lingcinga zabazali ziyabethabethana ngabahlobo.√ (1)
- 5.2.4 Endleleni. √ Abantwana besikolo bahamba endleleni ukuya esikolweni. √  
[Nasiphi isivakalisi esichanekileyo samkelekile] (2)  
**[20]**
- AMANQAKU ECANDELO C: 40**  
**AMANQAKU EWONKE: 79**